# IINDABA ZASEMBIZANA

3RD EDITION, JAN- MARCH - 2024/25



## WINNIE MADIKIZELA-MANDELA LOCAL MUNICIPALITY SCOOPS GREENEST MUNICIPALITY AWARD

In a remarkable achievement, Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality (WMMLM) has been awarded the prestigious Greenest Municipality Award for 2024/25. The municipality emerged as the second runner-up, securing a prize of R200,000 to promote their "Keep Mbizana Clean" initiatives.

This award is a testament to the municipality's unwavering commitment to environmental sustainability and community development. The Greenest Municipality Award is a collaborative event by the Department of Economic Development, Environmental Affairs, and Tourism (DEDEAT), the Department of Cooperative Governance and Traditional Affairs (COGTA), and the South African Local Government Association (SALGA).

According to the Mayor, this award is a culmination of the municipality's efforts to create a cleaner, greener, and more sustainable environment for residents. "We are thrilled to receive this recognition, which acknowledges our efforts to promote environmental awareness and address challenges related to Waste Management Services," said the Mayor.

The municipality's "Keep Mbizana Clean" initiatives have been instrumental in reducing waste, promoting recycling, and creating a cleaner environment for residents. These projects have not only improved the quality of life for residents but have also set an example for other municipalities to follow.

"We are proud of our achievements and will continue to work towards creating a more sustainable future for our community," added the Mayor. "This award is a motivation for us to keep pushing the boundaries of what is possible and to strive for excellence in everything we do. "The Greenest Municipality Award is a significant milestone for WMMLM, and the municipality is committed to continuing its efforts in promoting environmental sustainability and community development.



www.winniemmlm.gov.za

# LEADERSHIP REFLECTIONS AND A NOTE FROM OUR COMMUNICATIONS MANAGER



**Cllr. Daniswa Mafumbatha**
**Mayor of Winnie Madikizela-Mandela**
**Local Municipality**

As we approach the midpoint of our financial year, I am delighted to share with you the third quarterly newsletter edition of 2024/2025 for the Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality. This publication provides a snapshot of the progress we have made in delivering on our commitments to the community.

Over the past quarter, our administration has continued to work tirelessly to address the needs and concerns of our residents. From investing in critical infrastructure projects to enhancing service delivery and promoting economic growth, we remain dedicated to creating a better future for all.

In this edition, you will find updates on our key initiatives, success stories from around the municipality, and important information on upcoming events and activities. I encourage you to take a few moments to read through this newsletter and stay informed about the latest developments in our municipality.

As we celebrate Human Rights Day this month, we remember the sacrifices made by our forebears in the fight against apartheid and oppression. We honor their legacy by reaffirming our commitment to promoting and protecting the human rights of all our residents. Let us continue to work together to build a society that is just, equitable, and free.

As we also approach the Easter season, I wish you and your loved ones a peaceful and joyous holiday. May this time of renewal and reflection bring us closer together as a community and inspire us to work towards a brighter future for all.

As we move forward, we will continue to engage with our community, listen to your feedback, and work collaboratively to build a better future for everyone.

Thank you for your ongoing support.



**Cllr. Z. Mhlwazi**
**Honorable Speaker**
**Winnie Madikizela-Mandela**
**Local Municipality**

As we continue on our journey to build a better future for our municipality, I would like to take a moment to acknowledge the critical role that our communities play in shaping our collective destiny. On behalf of the Council, we proud to see the ways in which our communities are coming together to drive positive change. From community-based initiatives to advocacy efforts, our residents are demonstrating their commitment to creating a brighter future for all.

In support of this effort, the Office of the Speaker has been actively engaged in community education programs aimed at empowering our residents with the knowledge and skills necessary to participate meaningfully in municipal affairs. These programs have included ward-based community meetings to promote public participation and engagement and educational workshops on civic responsibility and community activism.

Furthermore, the Office of the Speaker has been working tirelessly to promote public participation and engagement. We believe that every resident has a vital role to play in shaping the future of our municipality, and we are committed to creating opportunities for meaningful participation and engagement.

As we celebrate Human Rights Day and approach the Easter season, I encourage each and every one of you to continue working towards a future that is characterized by equality, justice, and human dignity. Let us continue to work together to build a municipality that is truly worthy of our highest aspirations.



**Mr. Thamsanqa Cwibi**
**Manager Communications**
**Winnie Madikizela-Mandela**
**Local Municipality**

As we continue to work towards building a better future for our municipality, effective communication remains a critical component of our success. In this edition of our quarterly newsletter, we are pleased to share with you updates on our key initiatives, projects, and programs. From community development projects to municipal services and events, we aim to keep you informed and engaged.

Our communications team remains committed to providing accurate, timely, and relevant information to our stakeholders. We value your feedback and encourage you to share your thoughts and suggestions with us.

We would like to take this opportunity to acknowledge the excellent media coverage we have received from both our local and national media outlets. Your support in sharing our story and highlighting our achievements has been invaluable, and we appreciate the strong relationships we have built with media houses across the region.

We would also like to extend our gratitude to the Local Communicators Forum, whose contributions have been instrumental in helping us to develop effective communication strategies and engage with our communities in meaningful ways. The Forum's quarterly meetings provide a valuable platform for sharing ideas and best practices, and we are pleased to report that the latest meeting, held on 29th January 2025, was well-attended and highly productive.

We are excited to announce the launch of our new municipal WhatsApp channel! This platform will provide you with real-time updates, news, and information on municipal services and events. We encourage you to join our WhatsApp channel and stay connected with us.

In addition to our WhatsApp channel, you can also follow us on our social media platforms, including Facebook and Twitter. We are committed to using these platforms to engage with our communities, share important information, and promote our municipal services and events.

For all service delivery complaints, please contact our toll-free customer service number, 0800649262, you can also use to contact us with any questions, comments, or concerns.

Thank you for your continued support. We look forward to staying connected with you.

# JOINT OPERATION TARGETS FOOD SAFETY IN WARD 16 SPAZA SHOPS

On the 4th of March 2025, Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality conducted a Raid in Ward 16 to inspect spaza shops and promote safe food handling practices, as part of ongoing efforts to protect public health.

This collaborative effort brought together local authorities and stakeholders to ensure food sold in these shops is safe for consumption. The operation focused on inspecting food items in all spaza shops in the ward to ensure they were in good condition.

Officials also provided shop owners with guidance on proper food handling and storage practices to prevent contamination and foodborne illnesses.

The public is urged to report any concerns or issues related to food safety and handling to the relevant authorities or to our Customer Care toll-free number: 0800 649 262.






# UMASIPALA WENGINGQI UQHUBE INTLANGANISO YAMADODA





UMasipala wanginqi i-Winnie Madikizela Mandela uqhube intlanganiso yamadoda ngenjongo zokuxhobisa amadoda asemancinane ngendlela yokuziphatha kunye nezinye iindlela zokuncedisa ekuqaqambiseni ikamva lawo.

Ngomhla wesixhenxe kwinyanga yomDumba (07-02-2025) kulapho bekudibene khona amasebe karhulumente nawasekuhlaleni kwintlanganiso ibiqhubela eSADA Boutique Hotel kuWadi 24.



Injongo yolusuku ibikukufundisa abantwana abangabafana abasuka eVulindlela Comp-Tech kunye naseMarina Senior Secondary ngobudoda kunye nezinye izinto ezinothi ziphucule intlalo yabo yasekuhlaleni ekuquka ukubaluleka kwemfundo, ukubaluleka kokubonakala ekuhlaleni kunye nokubaluleka kwentlonipho.
"Le nkqubo ixhobisa abantwana abasakhulayo bakhule bomelele kwaye babena mandla wokuba nenyaniso khon'ukuze bangabi ngamaxhoba wokungakwazi ukuzilwela ekuhlaleni" la ngamazwi ka Mr. Kofana ilungu layo intlanganiso.

Amasebe ebebambisene nomasipala ngalentlanganiso, ibilisebe lezeMfundo, isebe lezeMpilo, isiPolisa kunye neForam yamadoda yeMbizana kunye neyasekuhlaleni.

Aba bafana basakhulayo basingathe inkqubo banikwe ithuba lokuchaza iimvakalelo zabo ngokusekwe kwizihloko ezazibonisiwa zisabelana ngendlela etshintsha ngayo ubomi.

> *"Le nkqubo ixhobisa abantwana abangabafana abasakhulayo bakhule bomelele kwaye babenamandla wokuba nenyaniso khon'ukuze bangabi ngamaxhoba wokungakwazi ukuzilwela ekuhlaleni"*

# IQHUBE NGEMPUMELELO INKQUBO YOKULUMKISA ABASEBENZI BE- EPWP NGEZIFO EZISULELELAYO KUNYE NOCWANGCISO.

Umhla wamashumi amabini kweyoMdumba 2025 uMaspala wengingqi iWinnie Madikizela-Mandela uqhube inkqubo yokulumkisa nokufundisa abasebenzi ngezifo ezisulelayo kunye neendlela zokucwangcisa, le nkqubo iqhutyelwe kwa ward 01 kwiholo elikwizakhiwo ezintsha zika Maspala eCivic centre.
Iinjongo zale nkqubo kukuxhobisa abasebenzi ngeendlela zokuzigcina bekhuselekile kwezi zifo, kuquka wonke umntu osephila naso kunye neendlela zesicwangciso sokuzithwala.
Kweliphulo kukhuthazwe abasebenzi ukuba baqhubeke nokuziphatha kakuhle, bazigcine bekhuselekile khon'ukuze kungachaphazeleki nawo umsebenzi lowo baqashelwe wona, nalabo abazifumene besulelekile bathathe imishwanguzo yabo ngendlela eyiyo, ukanti uNtando ongomnye wabasebenzi iEPWP uqhubeke nokucacisa ngeendlela ezahlukeneyo zokucwangcisa lapho asebenzise khona imifanekiso.
UDr. Madikizela obemenyiwe uxhobise kakhulu malunga nezi zifo zisulelayo, esithi uyacela wonke umntu adlale indima ukunqanda ukuzifumana enesifo ebesele evile ngobungozi baso. Esekwenzekile wasizifumana enaso makayithathele ingqalelo ukukhawuleza kwindawo apho aza kufumana khona uncedo.








# UMASIPALA UNIKEZELE NGONOKHONTRAKA OZOKWAKHA INDLELA KWA WARD 05



Ngomhla ka 18 March 2025, umasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela-Mandela local Municipality unikezele ngokusesikweni ikontraki, iMvumeza Trading Enterprise, ezokwenza iprojekthi yokwakhiwa kwendlela iMthamvuna to Ndayingana via Mabheleni Access Road kubahlali bakwaWadi 05. Ukunikezelwa kwaleprojekthi ejolise ekuphuculeni iindlela zokufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo, kubanjelwe kwiholo lasekuhlaleni iNonqulana nalapho abahlali bebephume ngobuninzi.

Le projekthi eyi12km izoqalisa kuleveki kwaye kulindeleke ukuba igqitywe kwisithuba seenyanga ezintandathu. "Sizimisele ukuqhubeka nokunikezela ngeenkonzo kuluntu lwethu," utshilo uCllr. L.G Mcambalala omele uSodolophu kulentlanganiso. Woleke ngelithi "Le projekthi linyathelo elikhokelela ekuphuculeni iindlela zabahlali bakuthi".



UCllr. N. Dlamini, oyintloko yeSebe lezoPhuhliso kulomasipala , ukhuthaze intsebenziswano phakathi kwabahlali kunye nonokontraka, ngelithi, "Sibongoza uluntu ukuba lusebenzisane neMvumeza Trading Enterprise ukuqinisekisa impumelelo yalo msebenzi.

Uluntu lwakwaWadi 05 luza kuxhamla kule projekthi ngokuphuculwa kofikelelo kwiinkonzo ezibalulekileyo ukuquka ezempilo, imfundo, kunye nezibonelelo zentlalo, kunye nokudalwa kwemisebenzi kunye namathuba ophuhliso lwezakhono.

Enkosi Bahlali bakwa ward 05 ngokuphuma ngobunintsi inene sisonke sakha iMbizana engcono.



# HANDOVER OF MACHINERY TO MASAKHANE GROUP TO BOOST ECONOMIC DEVELOPMENT AND JOB CREATION

On the 25th February 2025, the MEC for Transport, Honorable Xolile Nqatha, and Her Worship the Mayor, Cllr. Daniswa Mafumbatha attended the officially handed over the machinery to Masakhane Group in the Dudumeni community, ward 08.
The machinery that was bought by Masakhane was acquired through collaboration with SANRAL, BELL, and Standard Bank, includes a range of equipment valued at over R50 million. The package consists of a Finlay J-1175 Jaw Crusher, Finlay C-1540 Cone Crusher, Finlay 694+ Inclined Screener, two BELL B18 Articulated Dump Trucks, a JCB 455ZX Wheel Loader, and a Kobelco SK380XDLC-10 Excavator.
This significant investment is expected to enhance Masakhane Group's operational efficiency, create new job opportunities, and contribute to the economic growth of the region. The event was attended by various stakeholders, including representatives from BELL Equipment, the community, Standard Bank, the Wild Coast Business Chamber, and the SANRAL Chairman.
MEC for Transport, Mr. Xolile Nqatha, appreciated the cooperation between the Masakhane group, Sanral, Bell and Standard bank. Mr. Noshweleka, owner of Masakhane Group, appreciated the relations with the Dudumeni Community and stressed that black-owned businesses should bring opportunities to communities and contribute to economic growth.
Her Worship the Mayor, Cllr. T.D. Mafumbatha, expressed gratitude to Mr. Noshweleka and the stakeholders, praising the employment opportunities created by Masakhane Group.









## UMASIPALA USINGATHE INKONZO YESIKHUMBUZO KA MRS NONZALISEKO RABIE-XAKATA

Umhla wamashumi amabini anesithandathu kwinyanga yoMdumba kunya ka 2025 umasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela-Mandela local Municipality uqhube inkonzo yesikhumbuzo ka Mrs. Nonzaliseko Rabie-Xakata obesebenza njenge Manejala yeAdmin Support and Auxiliary Services.
Ngelixa esenza intetho yokwamkela kulenkonzo yesikhumbuzo uSomlomo webhunga lwalomasipala uCllr. Zithobile Mhlwazi, uthe ukushiywa nguMrs Rabie-Xakata linxeba elinzulu ngoko ke, kule nkonzo yesikhumbuzo kuzonikwa imbeko nokubhiyozela ubomi bakhe ukufumana intuthuzelo kwanokunika inkxaso kusapho lwakhe.





Amagosa ebesebenza ngaphantsi kolawulo luka Mrs Rabie amchaze njengomntu obengaphezulu komanejala kodwa engumzali onothando kakhulu obehlala ekhululekile enomoya omhle.
USodolophu uCllr. TD Mafumbatha uthe "Singumasipala silahlekelwe kuba uMrs Rabie-Xakata ubengumntu owohlukileyo obesebenza ngokuzinikela ewukhuthalele umsebenzi wakhe ntoleyo ibiluncedo kakhulu ekuhambiseni iinkonzo kuluntu kulengingqi. Siyambulela kakhulu uThixo ngethuba asiboleke lona eligosa siyingingqi . Ushiye umzila ongenakucinywa. Kusapho lwakhe lonke sithi yomelelani iNkosi inako ukunithwala nakule imeko kwaye inani."

UMrs Rabie-Xakata usebenze kulomasipala ngomnyaka ka 2002 kumsebenzi wexeshana ze kwathi ngo 2003 wafumana umsebenzi osisigxina. Ufunyenwe yingulo emfutshane ze wasutywa kukufa ngomgqibelo umhla ka 22 February 2025 ukanti uzobekwa kwindlu yakhe yokugqibela ngomgqibelo umhla wokuqala kuMarch 2025 eMtyu eLibode.



## IPHULO LOKUKHUTHAZA UKUSETYENZISWA KWAMATHALA EENCWADI, LIBRARY WEEK

Umhla wamashumi amabini anesihlanu kweyoMdumba kunyaka ka 2025, uMasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela-Mandela uqhube iphulo lokukhuthaza ukusetyenziswa kwamathala encwadi luluntu ngokubhiyozela 'iLibrary Week' kwisakhiwo sikaMaspala (Civic Centre) kuWadi 1.

Enye yeenjongo zokubhiyozela olusuku ibikukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukufunda kunye nokubhala ukuze kuqinisekise ikamva eliqaqambileyo kubantwana bethu noluntu ngokubanzi.

Lubeyi mpumelelo olusuku kuba abafundi kunye nootitshala bebephume ngobuninzi babo ukuzoxhasa lomsitho omhle owenziwe ngumasipala. Abafundi ebebechongiwe ziititshala ngabebanga lesithathu, elesixhenxe kunye neleshumi basebenze ngokuzimisela ukumela izikolo zabo.

Abebanga lesithathu bona bebeveza ikhono labo lokubhala ngobuchule baze abebanga lesixhenxe benza amagama ngaphakathi kwegama ukanti abebanga leshumi bona benze intetho elungiselelweyo. Benze kakuhle bonke abafundi kodwa bakhona abaphume izandla, nalapho bekuchongwa abathathu abagqwesileyo.

**Ebebesenza izaci namaqhalo (community book club)**

3.Khethwa Nosebenzile







2.Noqamza Nozuko
1.Tshabani Nontsikelelo

**Creative writing Grade 3 English**

1.Majozini Athayanda
2.Madlala Kungentando
3.Cetywayo Alunamda

**Grade 3: isiXhosa**

3.Vumisa Melamine
2.Mhlambi Omhle
1.Ncitha Abola

**Words within a word: Grade 7**

3.Majola Vizikhungo
2.Guda Zizo
1.Diya Esihle

**Prepared speech: Grade 10**

2.Nonqane Esinako
1.Qunya Awethu

Bonke ke abaphumeleleyo baye banezipho abawongwa ngazo, owesithathu ufumeneyo ezizothi zibancedise kwiMfundo zabo, iiCertificate kunye neeTrophy zesikolo.
UMr Cenga osuka kwiSebe lezeMfundo ubulele ngokungazenzisiyo kuMasipala, iititshala kunye nabafundi ngentsebenziswano ababenayo ukuqhuba lomsebenzi, ekhuthaza ukuba iititshala ziqhubeke nomsebenzi omhle abawenzayo ukufundisa abantwana

# UMASIPALA WAZISE UNOKHONTRAKI NGENJONGO YOKWAKHA IHOLO KWILALI YASEDINDINI

Umhla wamashumi anesine kwinyanga yoMdumba kunyaka ka 2025 (24-02-2025) umasipala wasekuhlaleni i-Winnie Madikizela - Mandela Local Municipality unikezele ngokusesikweni uNokhontraki ongu XS Dollars ozokwakha iholo yasekuhlaleni kubahlali baseDindini kuwadi 32.

UCllr Dlamini olilungu le komiti ka Sodolophu ukhuthaze abahlali ukuba basebenzisane nonoKhontraki kwaye naye unoKhontraki awuhloniphe umsebenzi wakhe ukuze lomsebenzi ubeyimpumelelo.

Okanti iNkosi yale ngingqi ubulele kakhulu ku Tat'uPhephu ongumhlali waseDindini othe wanikela ngendawo yokwakha IHolo yasekuhlaleni ebambisane nabahlali baku 32.

LeProjethi kulindeleke ukuba iqhube iinyanga ezintandathu ukusukela kwiiveki ezizayo nalapho kulindeleke kuxhamle abantu abangeshumi ukuya phezulu kumsebenzi wethutyana ozoveliswa kukwakhiwa kwaleHolo







## EASTER MESSAGE

### FROM THE MAYOR

**Lifikile ixesha lonyaka apho AmaKrestu akhumbula ukufa nokuvuka kukaYesu Krestu, eli ikwalixesha lokuba iintsapho zidibane kwakhona khona kwiholide yePasika. Lithuba ke elibalulekileyo kuthi ngabantu ukuba sivumele uMoya wothando , uxolo , imvisiswano ukuba ufukame ngaphakathi kwethu usimanye singabantu. Sibongoza ukuba kwenziwe imithandazo nezibongozo ngenxa yabantu bonke nabadandathekileyo emoyeni , nabo bangathathi ntweni .**

**Singumasipala wase Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality sinqwenelela lonke uluntu lwethu ipasika esikelelekileyo nekhuselekileyo. sibongoza abaqhubi ukuba bathobele imithetho yendlela , babe nomonde bangaqhubi benxilile . Masifike sonke siphila.**

**BLESSED EASTER 2025**



MAYOR

CLLR. Daniswa Mafumbatha

# Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality Empowers Community Through Education.





On the 21st February 2025, Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality conducted a community education program at the Ngcingo community hall in ward 13.

The program aimed to empower communities with knowledge about their human rights and inform them about government department operations.

The program was represented with various government departments in attendance, including the Independent Electoral Commission, Department of Health, Department of Social Development, and the Non-Government Organization Thuthuzela.



Each department presented information relevant to their work, and community members were allowed to ask questions.

The program covered critical topics, including Gender-Based Violence, Rape, Cancer, and Voter Registration. The residents expressed gratitude for the program, stating that it demonstrated the government's care for the community. The residents highlighted the information gained and pledged to rebuild their households with the newfound knowledge. The traditional leader also shared words of gratitude, acknowledging the program's impact on the community.

# UMPHATHISWA WESEBE LOLAWULO LOMHLABA NOPHUHLISO LWAMAPHANDLE KAZWELONKE UTYELELE ISIKOLO SASEMEJE NALAPHO ANIKEZELE NGEZIDINGO ZESIKOLO ZABANTWANA.

Isebe lolawulo lomhlaba nophuhliso lwamaphandle libambisene nomasipala wesithili iAlfred Nzo District Municipality kunye nomasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela- Mandela Local Municipality batyelele isikolo samabanga aphantsi iMeje Primary School kwa wadi yakwa 14, ukuyoqhuba iphulo lokukhuthaza abantwana nokunikezela ngezidingo zabantwana zesikolo ngakumbi abangathathintweni.

Injongo yolusuku kukukhuthaza abafundi ukuba bafunde nokuqinisekisa okokuba abantwana abasweleyo nabangathathi ntweni bafumane izidingo zabo ukuze bafane nabanye abantwana.

Umphathiswa weSebe lolawulo lomhlaba nophuhliso lwamaphandle, ohloniphekileyo uMzwanele







Nyhontso ukhuthaze abafundi okokuba bazimisele ezifundweni bakhuthalele iskolo ukuze baphumelele ubakhuthaze ngelithi imfundo sisitshixo sobomi.

Kwisikolo saseMeje Primary School kunikezelwe ngezidingo zabantwana zesikolo eziquka izihlangu ezikhulu (100), oobhaka abalikhulu (100), iirula (100), pencil (100) kunye neeSanitary Towels(100) .

Inqununu yesikolo yaseMeje Primary School ibulele kakhulu kwisebe noomasipala ngokutyelela isikolo ngelithi mkhulu umohluko ozokwenzeka ebantwaneni nasesikolweni ngokubanzi.

> *"Injongo yolusuku kukukhuthaza abafundi ukuba bafunde nokuqinisekisa okokuba abantwana abasweleyo nabangathathi ntweni bafumane izidingo zabo ukuze bafane nabanye abantwana."*

# Umasipala Ubambisene Nesithukuthezi Ss Alumni Kwiphulo Likaback To School Kward 3





Lisaqhuba iphulo lika back to school, apho umaspala wengingqi iWinnie Madikizela Mandela Local Municipality ebambisene nabafundi ababefunda apha eSithukuthezi baqhube iphulo lokunikezela ngomfaniselwano wesikolo (Uniform) Sithukuthezi SS kwa wadi 3, ngomhla wamashumi mabini ananye kwinyanga yoMdumba kunyaka ka 2025 (21/02/2025).

Injongo yeliphulo kukukhuthaza nokuphuhlisa imfundo kubafundi ukuba babuyele esikolweni benamandla nomdla wokuqaqambisa izifundo beqiqile ukuze baqhubeke neziphumo eziqaqambileyo ekupheleni konyaka.

ObenguSodolophu wosuku uCllr. Njomi owenze amazwi enkuthazo egxininisa ngokubaluleka kwemfundo ngelithi imfundo nentlonipho zezona zinto zibalulekileyo ezimenza umntwana ngamnye othe walandela indlela efanelekileyo aphume ephethe nto.

Unkosazana Nomtyhala osuka kwisebe lezemfundo ukhuthaze kakhulu etsho ebonga nomsebenzi omhle owenziwe ngababafundi besikolo baseSithukuthezi esebaphumayo.

UMnu Melane owayeyinqununu yesikolo kunye no nkosazana Thunzi owayengu titshalakazi waseSithukuthezi babulele kakhukhu ngegalelo elenziwe ngababafundi abo babefunde eSithukuthezi kudala naku Masipala wengingqi.

Eliphulo livalwe ngokuba kuwongwe ootishala besikolo ababefundisa kuso kudala kunye nomasipala wengingqi ngezitifiketi kunye neUniform kubantwana abasuka kumakhaya angathathi ntweni.

Singumasipala siyayincoma silibulela eliphulo laseSithukuthezi SS elize noNokubonga Mpako ongumsunguli walo, sikhuthaza ukuba sonke singabahlali sibambisane senze umahluko kwiingingqi zethu.






# WINNIE MADIKIZELA-MANDELA LM CONDUCTED CLIMATE CHANGE WORKSHOP

On the 19 of February 2025, Winnie Madikizela Mandela Local Municipality with various stakeholders hosted a Climate Change Awareness Campaign at the Imizizi Tribal Authority Ward 18, Nyaka Village.

The program is aimed to educate the communities about climate change implementation and adaptation strategies, as well as the risks associated with alien invasive plant species.

The awareness seeks to empower communities with the knowledge and skills necessary to reduce the impacts of climate change and promote sustainable environmental practices.

Miss Fada Environmental Officer highlighted the negative impacts of deforestation, burning of trees and grass.

The community was grateful for the workshop as it brought some light to things that they have been questioning on the changes that have come with Climate Change.

> *"The program is aimed to educate the communities about climate change"*







# ONE TITLE DEED, ONE BENEFICIARY

Ensuring that beneficiaries can legally claim ownership of their properties is a key priority for the municipality. Today, Ms Nolindo Madikizela who owns a house in Ferguson Ext 3 was handed over her title deed by the Hon Mayor TD Mafumbatha at the Mbizana Civic Centre as part of the One Title Deed, One Beneficiary drive conducted by the municipality.

This program seeks to ensure that all RDP owners have ownership of their homes to curb any feuds that might occur in future. This initiative is in partnership with the Department of Human Settlements.





# MORE THAN 600 HOUSEHOLDS ARE SET TO BENEFIT FORM WATER PROJECT IN WARD 17





In a significant move to address water challenges in Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality, the Alfred Nzo District Municipality today introduced Mabona Civils as the contractor for the Greater Mbizana Water Supply Scheme Phase 1B. This project, set to commence next week, aims to provide 256 communal standpipes in Ward 17, making significant difference in access to clean drinking water for more than 600 households in the area.

Cllr. Nathi Nqoko emphasized the importance of cooperation between residents and the contractor, Mabona Civils, to ensure the project's timely completion. "We urge all residents to support this project and work with the contractor to avoid any delays," said Cllr. N. Nqoko.

The Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality has expressed its appreciation for the project, recognizing its significance in addressing the water needs of the community.



# UMASIPALA UQHUBE INTLANGANISO YABANTU ABAPHILA NOKUKHUBAZEKA



Umhla weshumi elinesibhozo kweyoMdumba kunyaka ka-2025, uMasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela-Mandela ubambe intlanganiso malunga nabantu abaphila nokukhubazeka. Le ntlanganiso ibibanjelwe kwisakhiwo seziko loluntu (Civic Centre) kwa-Ward 1. Injongo yale ntlanganiso kukuphula-phula nokuthatha ingqalelo yezikhalazo zabantu abaphila nokukhubazeka, ukuze bafumane uncedo kuMasipala malunga nezikhalazo ezo abanazo.

Usodolophu uCllr. TD Mafumbatha ubaxhobisile ngelithi, bangaze bathule xa kanti abaphathekanga kakuhle kwiindawo abahlala kuzo. Utsho ebalula ukuhlukumezeka ngokwesondo.

Bazibekile ke izikhalazo zabo ngokohlukana kwee-Ward zabo, becela nokuncediswa kwizinto ezithile ezifana nezothutho kwabo bafumana ubunzima xa kufanele behambe umgama omde xa besiya kwiintlanganiso eziphathiselene nabo.

UMasipala uzithathile izikhalazo ethembisa ngento ethi ukusukela namhlanje uzosebenzela phezu kwazo, watsho eqalisa ngokunikezela ngeGrosari kumaqela abantu abaphila nokhubazeko, lamaqela ami ngoluhlobo yiMasakhane, iKhaya leMbizana kunye noMzuvukile.

Abulele kakhulu lamaqela, evakalisa uvuyo nochulumanco abanalo, bencoma umsebenzi omhle owenziwe nguMasipala. Batsho besithi, baziva bebaluleke ngolona hlobo xa kusekhona abantu abakwazi ukubakhathalela ngoluhlobo.



# IBHUNGA LONCEDO LESIFO SIKAGAWULAYO LOKWENZA UMAHLUKO KWINGINQI YETHU

I-Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality isingathe indibano yekota yebhunga lengingqi ye Aids (Local Aids Council) eCouncil Chambers. uSodolophu uCllr.TD Mafumbatha ebechophele lendibano ebihlanganise amasebe, imibutho yoluntu, iAlfred Nzo District Municipality, kunye no Dr. Madikizela osebenza bucala.



Injongo yale ntlanganiso ibikukuxoxa ngezicwangciso eziliqilima zokulwa ne-HIV/AIDS, i-TB, kunye nemikhwa yentlalo efana nobundlobongela obusekwe kwisini kunye nokubulalwa kwabasetyhini, ukuphathwa gadalala kwabantu abakhubazekileyo nabantwana ngelixa kukhuthazwa intsebenziswano phakathi kwamasebe amacandelo, imibutho yoluntu, kunye neengcali zonyango ukuchonga izisombululo kunye nokuxhasa abo bachaphazelekayo.

Ngelixa esamkela USodolophu uchaphazele imiba ebuhlungu ebithe ndi kumakhasi onxibelwano ebandakanya ukusweleka kwamalungu asibhozo ebandla kwingozi yendlela ukusweleka, ngaxeshanye kwamalungu osapho amathandathu , kwanomntwana okhubazekileyo obanakele ebotshelelwe nezinye imeko ezingantlanga abantu bakuthi abaphila phantsi kwazo.

Kweliqonga amasebe karhulumente, imibutho yoluntu kunye noogqirha bemveli badakance imingeni ejongene nabantu ekuhlaleni. Kukwajongwa neendlela zokwenza umohluko kwiimpilo zabantu ekuhlaleni kuba sikunye, sisebenzela ikamva elingenayo i-HIV/AIDS, i-GBV, nokubulawa kwabasetyhini.

Umasipala uzimisele ukusebenzisana noluntu luxhasane ukuze senze umahluko wokwenene kubomi babo bachaphazelekayo.

> *"Injongo yale ntlanganiso ibikukuxoxa ngezicwangciso eziliqilima zokulwa ne-HIV/AIDS, i-TB, kunye nemikhwa yentlalo efana nobundlobongela"*



# CAREER EXHIBITION LAUNCH || STUDENT EMPOWERMENT

Umhla weShumi elinanye kwinyanga yoMdumba kunyaka ka 2025, (11/02/2025),ukuya kumhla weshumi elinesine (14/02/2025) uMasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela Mandela ebambisene noMasipala wesithili iAlfred Nzo, iWild Coast Sun kunye neSebe lezemfundo baqhube iphulo lokuxhobisa abafundi ngokubanika ulwazi ngeendlela zokubhalisa kumaziko emfundo ephakamileyo eMbizana Civic Center kuWadi 1.

Eliphulo lijolise ekuxhobiseni nasekukhuthazeni abafundi ngeendlela zokuqhubeka nezifundo emva kwebanga leshumi. Ikwakukunika nolwazi oluphangeleleyo ngeendlela amabenze ngazo ukubhalisa neezinto ezilindeleke ukuba baziphathe kwaneminyinge yamaphesenti % amababenawo.



Onke lamasebe akhuthaza abafundi ngokuba bakhawuleze babhalisele ukungena kuma Dyunivesity nakumakholeji ukuze bakhawuleze babenayo indawo kunye nobhalisela amasebe ezimali ukuze bafumane ukuxhaswa.

Amasebe ebekhona kulendibano ibiyi Ingwe TVET College, King Sabata Dalindyebo TVET College, Mbizana Career Development Center, King Hintsa TVET College, Nelson Mandela University, SAICA ,DUT, Alfred Nzo, MUT, DRDAR( Department, Agriculture, Land Reform and Rural Development, CUT (CENTRAL UNIVERSITY OF TECHNOLOGY, FREE STATE) and World Skills South Africa (IT Networking).

Izikolo ebezibambe lomsitho ibiyi Bizana Village SSS, AD Tshayingca SSS, Nonkqubela SSS, Ntukayi SSS, Nyanisweni SSS, Madikizela SSS, Mzamba CHS , Vukuzenzele SSS, Phakama ukhayise SSS, Ngalonkulu SSS, Bhovulengwe SSS, Cangci Comptech, Baleni SSS, Mncwati SSS, Winnie Mandela SSS, Qadu SSS and Maqongwana SSS,Ncurha S.S.S, Sithukuthezi S.S.S, Marina S.S.S, Vulindlela Comp – Tech, Nomagqwathekana Comp – Tech, Nqabeni S.S.S, O.R Tambo High School, Mdatya S.S.S unye ne Mpeni S.S.S.

Eliphulo labayimpumelelo kuba zonke izikolo ebezibambe lomsitho ziphume ziphethe nto kwaye benolwazi oluphangaleleyo. Ootitshala notitshakalazi babulele kakhulu ngeliphulo elize nophuhliso kuluntu nakubantwana base Winnie Madikizela Mandela Local Municipality.



# ENVIRONMENTAL AWARENESS CAMPAIGN AT WARD 25 || A CELEBRATION OF WORLD WETLANDS DAY.



On 4th of February 2025, the community of Ward 25 in Khumbuza Village experienced a transformative environmental awareness program led by the Winnie Madikizela Mandela Local Municipality (WMMLM) in collaboration with the Alfred Nzo District Municipality (ANDM) and other key stakeholders. This initiative aimed to educate residents on the significance of wetlands, aligning with the global observance of World Wetlands Day, celebrated annually on 2nd of February.

The event fostered active community engagement, with residents showing great enthusiasm and curiosity about the role of wetlands in sustaining ecosystems, protecting biodiversity, and mitigating climate change. Discussions highlighted the importance of conserving these vital natural resources and the collective responsibility of communities in ensuring their protection.

Through interactive sessions and informative discussions, the program emphasized how wetlands contribute to water purification, flood control, and livelihoods. The initiative underscored the commitment of both municipalities to environmental conservation and sustainable development, ensuring that communities are equipped with the knowledge needed to preserve their natural surroundings.

Such awareness campaigns play a crucial role in fostering environmental stewardship at the grassroots level, empowering communities to take action in protecting and restoring wetlands for future generations.





## CONTRACTOR HANDOVER FOR THE CONSTRUCTION OF WARD 16 COMMUNITY HALL

On the 31st of January 2025, Her Worship the Mayor, Cllr. Daniswa Mafumbatha officially handed over the contractor, XS Dollars, to the Ward 16 community for the construction of a new community hall.



This project will provide a vibrant hub for social, cultural, and economic activities, offering a safe and accessible space for community members to gather, socialize, and participate in various activities.

The Mayor expressed her gratitude to the Apostolic Faith Mission (AFM) for allowing the municipality to host its community meetings in their church for many years. This gesture has been invaluable to the community, and the Mayor acknowledges the AFM's kindness and generosity.

As announced on our website, the tender for the construction of the community hall was advertised in August 2024. The new community hall will have a positive impact on the community, fostering social cohesion, community building, and local economic development







# LIYAQHUBA IPHULO LOKUKHUTHAZA IMFUNDO

Umhla wamashumi amabini ananye ukuya kumhla wamashumi amabini anesine kweyoMqungu kunyaka ka-2025, urhulumente uqhube iphulo lokukhuthaza imfundo kwisikolo iZamokuhle J.S.School kwa-Ward 7, neZamokuhle Special School ekwa-Ward 19,EMdeni, EMarelani ward 4, Thembalesizwe Comp Tech ward 21, Stanford SPS ward 20 kunye ne Mdikiswen J.S.S ku ward 11.

Injongo yeliphulo kukukhuthaza abafundi kunye nootitshala ukuba balungele ukubuyela esikolweni benomdla nentshisakalo yokufunda nokufundisa.

Osuka kwisebe lezemfundo uRev AT Fetsha ubulele kakhulu ngendlela abamkelwe ngayo kwizikolo ezo, watsho encoma, ekhuthaza nempatho yabaphathi bezizikolo. Uqhube ngelithi "into yokusetyeziswa kwezikhali kunye neziyobisi ayifuni ukujongwa nje lisebe lezemfundo xa lilodwa kodwa ifuna nabahlali bayitha-
yokusetyeziswa kwezikhali kunye neziyobisi ayifuni ukujongwa nje lisebe lezemfundo xa lilodwa kodwa ifuna nabahlali bayithathele ingqalelo bencedisana nalo isebe".Isikolo ngasinye kwezi zibalulwe ngasentla, sinikezelwe izihlangu zesikolo,oobhaka bokuphatha iincwadi zesikolo, iitawula zococeko zamantombazana (Sanitary Towels), izixhobo zolimo, kunye nomfaniselwano wesikolo.

USekela Mphathiswa wezolimo uMamu' RN Capa onguye obekhokhele wonke lamasebe uthe ngumsebenzi womntu wonke ukuthatha inxaxheba ekuphuculeni izinga lemfundo yomntwana womntu omnyama ingakumbi aba bangathathi ntweni. Uxhobise iiNqununu ngendlela abanozihamba ukufaka izicelo zokuncedisana nezikolo zabo. USekela Mphathiswa uyikhalimele kakhulu into yokuba abantwana balambe kodwa urhulumente ekhupha imali inyanga nenyanga ukuncedisana nokuba abantwana batye bahlulwe ezikolweni. Abahlali neenkokheli zeMveli babulele kakhulu ngeliphulo bencoma kwaye bekhuthaza indima edlalwa ngurhulumente kubantwana babo.







# SINETHEMBA GANGATHA FROM NCURA SECONDARY SCHOOL RECEIVES MINISTERIAL AWARD

SINETHEMBA Gangatha, a 19-year-old student from Ncura Senior Secondary School in ward 08 is one of the nation's top achievers. The journey to success was no easy feat, as Gangatha relied heavily on the support of his unemployed mother, Luleka Gangatha, who sustains the family by selling firewood.

Sinethemba was among the Top 39 Matriculants from the Class of 2024 recently celebrated by the Department of Basic Education. He emphasises the importance of teamwork and hard work and extends his gratitude to Okuhle Mboza and Bahle Beje for their unwavering support.

"Despite my excitement, I am also anxious as my identity document mistakenly identifies me as female. I have applied for rectification with the Department of Home Affairs, but I am uncertain if assistance will be forthcoming. I almost gave up in Grade 10 due to this issue, feeling demotivated without a reason to continue my studies," he recounted.

He found motivation from his elder sister, who experienced a similar issue and is now in her third year studying B. Com Accounting at Nelson Mandela University.

Sinethemba achieved remarkable results, scoring 85% in IsiXhosa, 82% in English First Additional Language, 83% in Mathematics, 94% in Life Orientation, 93% in Agricultural Sciences, 92% in Life Sciences, and 84% in Physical Sciences.

Luleka Gangatha, overwhelmed by her son's achievement, shared her concerns about the tough circumstances they face.

"I am the sole provider, collecting and selling wood to support my children's education. Supporting Sinethemba has not been easy, especially with another child at Nelson Mandela University to take care of," she said. Despite their hardships, she remains committed to supporting Sinethemba in whatever path he chooses.



# MPAC PUBLIC PARTICIPATION || WARD CLUSTERS



On the 17th March 2024, Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality held a public participation meeting on the Municipal Public Accounts Committee (MPAC) Annual Report Reconciliation at Ward 9 Hall. This follows the first meeting being held at the Mbizana Civic Centre in ward 1 on 13 March 2025.

The purpose of the report was to review the Municipality's Financial spending process to see if it is still running smoothly, and to receive feedback on municipal projects which have been implemented giving the community a voice to confirm whether projects that appear on annual reports have indeed been done or not. This platform gives accountability to what has been done, how it has been done and what needs to change for the future.

Honourable Cllr. Mavundla who led the delegation presented the annual report outlining the projects implemented, ongoing and those in the pipeline. Residents came out in numbers to express their views, complaints and questions on the presented document.



# HOMECOMING CELEBRATION OF MELISA NONTSHE MISS TEEN UNIVERSE PETITE SOUTH AFRICA

Melisa Nontshe, a 16-year-old Grade 11 learner from Oliver Tambo Technical High School, was celebrated in style as the newly crowned Miss Teen Universe Petite South Africa.
Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality in partnership with Míss High Schools South Africa and Wild Coast, hosted a homecoming celebration for Melisa at her school in Nkantolo, Ward 27 on the 16th January 2025.

Cllr. Nokonwaba Cengimbo, the Mayor of the day, praised Melisa's achievement, saying, "As Miss Teen Universe Petite South Africa, Melisa is an inspiration to our young people, and we are honored to support her on her journey."
In her reply speech, Melisa expressed her gratitude to her family, school, and community for their love and support. She also committed to using her platform to make a positive impact and inspire other young people to work hard and pursue their dreams.
The celebration was attended by local leaders, community members, and proud supporters, and marked a proud moment for Melisa's community.

As Miss Teen Universe Petite South Africa, Melisa is set to inspire and motivate young people across the country, and her community is rallying behind her to support her on her journey.



*"As Miss Teen Universe Petite South Africa, Melisa is an inspiration to our young people, and we are honored to support her on her journey."*












# DID YOU KNOW?

**WMMLM HAS A TOLL FREE NUMBER YOU CAN CONTACT FOR SERVICE DELIVERY COMPLAINTS .**

## TOLL FREE NUMBER IS:

**0800649262**

**ALTERNATIVELY YOU CAN VISIT OUR OFFICES AT OR EMAIL US ON :**

### OPERATING HOURS

Monday -Thursday ( 08:00 -16:30)
Friday( 08:00-15:30)
Closed on Saturday, Sunday and Public Holiday

### EMAIL ADDRESS

Customercare@mbizana.gov.za

### WEBISTE

www.winniemmlm.co.za

**FOLLOW US ON OUR SOCIAL MEDIA PAGES**

- Winnie Madikizela Mandela Local Municipality
- @WinnieMM_LM
- @wmmlm23
- @winniemm_lm